Imbongi ye Sizwe Jigelele: *The Bantu World* (9 March 1940), page 6

**Umfikazi U Charlotte Manyhi Maxeke**

*Ndesuka ndingunina kwa Sirayeli - Gwebi 5: 7*

Sebe baninzi Mhleli, ababhalileyo ngayo le nkosikazi; ukwenjenje oku nam ndingqina umothuko wesizwe ngako ukusweleka kwayo le nzwakazi. Le ntombi ka Manyhi, noko ingumSuthukazi, yaqala ukulibona ilanga kweli lizwe lakowethu lakwa Ngqika; yafunda apha, yawela ukuya eMelika isuka phakathi kwethu apha; yade yabuya neloo xhoba liyimfundo yeza nalo ekhaya; latyiwa ngawo onke ama-Afrika - into leyo ezinqabeleyo iimfundi neemfundikazi. Ide yendiswa kwasithi, ingazendisanga, siyendisela kulo mfana kaMaxeke wasemaNywabeni, kwaGatyeni, kwaNdondela, emaGqunukhwebeni. Ngako oko: -

Shukumani bafazi!

Ushenxil' uMa marhixi-rhixi;

Ufinyis' amagrhuxu.

Ushenxil' okad' esakh' umzi,

Egutyul' iirhanga zamanxila;

Egodus' amahilihil' agoduke;

Kubuy' amadungudwan' emazweni.

ITye lesiseko se Tiyopiya!

Shukumani bafazi!

Igqibil' intomb' asemzini;

Igqibil' intomb' aselu Suthu;

Umfazi wamaNywabe kwaGatyeni;

Ukhe wabek' iinyawo kwelaba Tswana;

Kusapho lukaKhama nolwaba Rolweni.

Wabek' amabele kubaThembu, -

Kumabandla kaNdaba kaZodwa;

E-Tyhalarha kwingcwaba lika Ngangezwe

Maz' emabele made yase Afrika, -

Okhanyis' usapho IukaNtu Iuphela;

Azi nonyaka yaphusile nje, -

Logangwa yintokazi kabanina?

Menzelen' ilitye lokukhunjulwa,

Ze siqhayisele ngal' amavilakazi.

Az' angaz' alityalwe kowabo;

Az' angaz' alityalw' emhlabeni;

Az' angaz' alityalw'e Afrika!

Nci! Ncincilili!!!

(Kamb' imbongi yeSizwe Ie iske itsho kuhlwabizel' igazi' kubeshushu neendletyan'ezi singeva. Mhlawumbi soba sesibek' igazi phantsi, siphula phule ngesonti ezomafungwashe uThembeka kweleveki ezayo kwa yiMbongi ye Sizwe Jikelele. - Mhleli)